


UDavid wayekhathazekile kuba wayengenayo ibhayisekile. Wayenqwenela ukuba angakhwela ibhayisekile kunye nabahlobo bakhe xa esiya esikolweni.

T3_1 David's new bicycle_big book_X.indd 1 2021/11/04 20:18



Ngemini yakhe yokuzalwa, umama notata wakhe bampha ibhayisekile emenyezelayo ebomvu. “Enkosi ndiyabulela!” watsho uDavid evuya.



T3_1 David's new bicycle_big book_X.indd 2 2021/11/04 20:18



UDavid wathwala umnqwazi wakhe wokukhwela ibhayisekile waze wazama ukukhwela ibhayisekile yakhe kodwa wasuka wawa. Owu torho, usizana olunguDavid lwalungakwazi ukukhwela ibhayisekile yalo entsha!



T3_1 David's new bicycle_big book_X.indd 3 2021/11/04 20:18



Yonke imihla uDavid
wayepolisha ibhayisekile
yakhe. Wayengafuni
kuxelela mntu ngemfihlo
yakhe yokungakwazi
ukukhwela ibhayisekile.



T3_1 David's new bicycle_big book_X.indd 4 2021/11/04 20:18



Umhlobo kaDavid, onobubele, uDudu wamncedisa waza wayeka ukuwa xa ekhwela ibhayisekile! “Enkosi ndiyabulela, Dudu. Ngoku ndiyakwazi ukukhwela ibhayisekile!” watsho.



T3_1 David's new bicycle_big book_X.indd 5 2021/11/04 20:18



Ngosuku olulandelayo uDavid wakhwela ibhayisekile kunye nabahlobo bakhe. Wayevuya kakhulu kangangokuba wayemana ezama nangona wayesiwa qho.



T3_1 David's new bicycle_big book_X.indd 6 2021/11/04 20:18

